

FINAL WORD VERSION

URHULUMENTE WENTSHONA KOLONI

ISEBE LENKULUMBUSO

ISICWANGISO SOMSEBENZI WONYAKA

2012/13

1 ngoMatshi ka-2012

To obtain additional copies of this document, please contact:

Department of the Premier
Office of the Director-General
PO Box 659
CAPE TOWN
8000

Tel.: 021 483 6626

Fax: 021 483 3300

E-mail: Hazel.Mzamo@pgwc.gov.za

Om nog afskrifte van hierdie dokument te bekom, tree asseblief in verbinding met:

Departement van die Premier
Kantoor van die Direkteur-Generaal
Posbus 659
KAAPSTAD
8000

Tel.: 021 483 6626

Faks: 021 483 3300

E-pos: Hazel.Mzamo@pgwc.gov.za

Ukuba ufuna iikopi ezongezelelweyo zolu xwebhu, qhagamshela:

ISEBE leNkulumbuso
Kwi-Ofisi yomLawuli-Jikelele
PO Box 659
EKapa
8000

Umnxeba: 021 483 6626

Ifekisi: 021 483 3300

I-Imeyili: Hazel.Mzamo@pgwc.gov.za

INTSHAYELELO

Umsebenzi omkhulu wokuzimisela nengcinga yesicwangciso-nkqubo ingenile ekuqulunqweni kwesiCwangciso somSebenzi woNyaka ka-2012/2013 kusenzelwa iSebe leNkulumbuso. Esi sicwangciso ubukhulu baso bazisiwe yenye yeenjongo zikarhulumenteezilishumi elinambini kwisicwangciso-nkqubo ekuthiwa “ kukwakha eyona ngingqi kakhulumente ilawulwa ngokuncomekayo ehlabathini.” Le njongo yesicwangciso-nkqubo igxile ekwakheni urhulumente ongenankohlakalo, osebenza ngobuqili, ongenamfihlelo, oluthwalayo uxanduva lwakhe kunye nonikezela kubemi bakhe ngeenkonzo ezihambelanayo neendleko.

Zizinto ezibalekayo nezingabalekiyo eziqulathwe sisiCwangciso somSebenzi woNyaka zikhethwe ngobunono, ziphengululwe zaza zahlaziywa ngeenjongo zokuqinisekisa ukuba zilungelelanisiwe nale njongo. Ngeli xesha ezinye zezi ziphumo ziza kubonakala kuphela emva kweminyaka embalwa, lo ngunyakamali wokuqala apho urhulumente wethu enethuba lokuzabela imali ezi zinto ziphathekayo nezingaphathelayo kugxilwe kuzo kuqaphelwa iinjongo zesicwangciso-nkqubo ezilishumi elinambini kumjikelo wohlahlo lwabiwo-mali.

Ezinye zezinto eziphambili ezibalekayo nezingabalekiyo eziqulathwe seseSebe leNkulumbuso sika-2012/2013 isiCwangciso somSebenzi woNyaka ziquka oku kulandelayo:

Okokuqala, siza kuqhuba ngokugxila ekomelezeni awethu amakhonkco obuhlakani ngokwesicwangciso-nkqubo sethu namanye amazwe, ikakhulu emimandleni apho sinakho ukulunyusa urhwebo, umtsalane kutyalomali, sifunde nezona ndlela ziphucukileyo zokusebenza kwabanye oorhulumente beenqila, ukuze obo buqili sibusebenzise kwiphondo eli lethu.

Okwesibini, iSebe leNkulumbuso liza kuqhubeka ngofezekiso lwenkqubo yolawulo enatyselwe kumasebe onke kwiphondo, nkqubo leyo iza kuqinisekisa ngentlanganisela emandla kwezolawulo lwamasebe onke, nangolungelelwaniso oluphucukileyo xa kufuneka kusetyenziwe. Iinjongo zethu ezilishumi elinambini zesicwangciso-nkqubo zijolise kweyona misebenzi iphambili ilichaphazelayo ishishini kwaye impumelelo yale nkqubo yolawula inatyselwa kumasebe onke ibalulekile ukuba kufuneka siphumelele kwezi njongo.

Kananjalo siqulunqe uphawu lorhwebo oluntsonkothileyo lukaRhulumente weNtshona Koloni kunye nesicwangciso-nkqubo sonxibelelwano esiza kuqhubeka sisihlola, sisiphucula sikwasisebenzisa kunyakamali ozayo.

Enye indlela yokusuka kwixesha elidlulileyo kukudalwa kwenkqutyana entsha ekuthiwa ziiProjekhthi zesiCwangciso-nkqubo, iza kugxila ekuqulunqweni kwesicwangciso-nkqubo sentlanganisela yemisitho / yeziganeko zikaRhulumente weNtshona Koloni. Kude kube ngoku ilungiselelwe imisitho ngamasebe ephondo ngokuxhomekeke kwinjongo esingathiweyo yelo xesha kwaye khangela ilungelelaniswe ngendlela efanele iinjongo zesethu isicwangciso-nkqubo. Le nkqutyana intsha iza kuqinisekisa ukuba yonke imisitho esingathiweyo ngurhulumente wephondo yoba nesiphumo senzuzo yokwenene kwiphondo nakubemi balo.

Ukusekwa kweZiko leeNkonzo eziManyanisiweyo sekuqalisile ukuba neziphumo ezincumisayo xa kuthethwa ngolungelelwaniso oluphuculiweyo nokonga kwicala leendleko ngokumalunga namandla oluntu, itheknoloji yengcombolo neenkonzo zolawulo lomngcipheko kurhulumente

wonke wephondo. Kunyakamali ozayo iSebe leNkulumbuso liza kugxila ekuphuculeni umsebenzi walo wamandla oluntu ngesandulela sokusuka kwinkqubo iPERSAL kuyiwe kwinkqubo yoplawulo lwamandla oluntu eyiSAP, kwakhona ngokusebenzisa inkqubo yokufaka izicelo zomsebenzi nge-intanethi kuwo onke amasebe ephondo.

ISebe leNkulumbuso lakuba namakhonkco obuhlakani neSebe loPhuhliso loQoqosho noKhenketho nesiXeko saseKapa, kunye namanye amasebe karhulumente enoomasipala, kuza kwandlalwa ulwandiso lwamandla e-broadband kwiphondo lonke, oku kuza kudala amanye amathuba ukususela ekukhangelweni kwezithuba zomsebenzi kuyiwe ekwandisweni kwamashishini abemi bethu.

Enye yeendlela eziphambili ekugxilwe kuzo liSebe leNkulumbuso kukuhlangabezana nobuqhetseba kunye nenkohlakalo ngokuthatha izigqibo. Njengenxalenye yesi sicwangciso-inkqubo, iSebe lakuqhubeka liwongeza amandla eCandelo lokuPhanda ngobuQhetseba ngokusebenzisa nabaphandi bangaphandle nangokuza neziqalelo ezikhawulezayo zokunyusa inkqubo yokwazisa ngobuqhetseba kurhulumente wephondo. Icandelo eli kwakhona lakuwaphucula amaxesha okusebenza aqhelekileyo ngokunxulumene nenani leentsuku elizisebenzisayo ukuze ligqibe ngophando lwezityholo zobuqhetseba kunye/okanye nezenkohlakalo.

Ndinethemba lokuba okubalekayo okuphathekayo nokungaphathekiyo okuqulathiweyo sisiCwangciso somSebenzi woNyaka ekugqibeleni kwakuba nesiphumo sokunyuka kwamathuba abemi bonke abahlala kweli phondo ukuze baqaphele amandla baze babe nobomi obuxabisekileyo. Ndizimisele ukuqinisekisa ukuba iSebe leNkulumbuso lidlala indima yobunkokeli neyolungelelwaniso necetywayo kwesi siCwangciso somSebenzi woNyaka nasekunxanelweni kwalo ukwakha oyena rhulumente wommandla ulawulwa ngokuncomekayo ehlabathini.

NguHelen Zille

INkulumbuso yeNtshona Koloni

LiQoqo elinguGunyaziwe weSebe leNkulumbuso

INGQONDISISO ESEMTHEHWENI

Ngokoke kuyaqinisekiswa ukuba esi siCwangciso somSebenzi woNyaka:

- Siqulunqwe ngabalawuli beSebe leNkulumbuso phantsi kwesikhokelo seNkulumbuso enguHelen Zille;
- Silungiswe ngokuhambelanayo nesangoku isiCwangciso-Nkqubo seSebe leNkulumbuso;
- Ngokuchanekileyo sibonisa umsebenzi ekujoliswe kuwo nelizamayo ukuphumelela ekuwqabeliseni iSebe leNkulumbuso xa linikwe izibonelelo zokusebenza nezifumanekayo kuhlalo lwabiwo-mali luka-2012/2013.

Mnu. Drikus Basson

Ukusayina: _____

IGosa leziMali eliyiNtloko

Mnu. Almo Geldenhuys

Ukusayina: _____

UmLawuli wesiCwangciso-nkqubo seSebe

IGqwetha leNkundla ePhakamileyo uBrent Gerber **Ukusayina:**

IGosa loCwangciso-mali

Kuvunyelwe ngu-:

Helen Zille

Ukusayina: _____

INkulumbuso (ekwaliQoqo loGunyaziso)

Iziqulatho

ISIGABA :- A

ISISHWANKATHELO 1

1. Uhlalutyo lwemeko oluhlaziyiweyo	1
1.1 Imeko yonikezelo lomsebenzi	4
1.2 Ubume bequmrhu	5
2. Uhlaziyo lwamagunya owiso-mthetho nolwamanye amagunya	8
3. Isishwankathelo soluka-2011/12 uhlahlo lwabiwo-mali noQikelelo loBume beNkcitho yeXesha eliPhakathi (MTEF)	
Error! Bookmark not defined.	
3.1 Uqikelelo lwenkcitho	
Error! Bookmark not defined.	
3.2 Ukunxulumanisa intsingiselo yenkcitho neenjongo zesicwangciso-nkubo	
13	
4. INKQUBO 1: INKXASO YEQOQO (EZOLAWULO)	
15	
4.2 Izalathisi zomsebenzi nezinto ekujoliswe kuzo ngonyaka ka-2012/13	
18	
4.3 Ezekota izinto ekujoliswe kuzo ngo-2012/13	
22	
4.5 Umsebenzi nentsingiselo yenkcitho	
28	
5. INKQUBO 2: ULAWULO LWESICWANGCISO-NKQUBO SEPHONDO	
29	
5.1 Injongo yesicwangciso-nkqubo ngezinto ekujoliswe kuzo ngonyaka ka-2012/13	
31	
5.2 Izalathisi zomsebenzi nezinto ekujoliswe kuzo ngonyaka ka 2012/13	
34	

5.3 Ezekota izinto ekujoliswe kuzo ngonyaka ka-2012/13	38
5.4 Ezomsebenzi ekujoliswe kuzo zingqamaniswa noHlahlo lwaBiwo-mali ne-MTEF	41
5.5 Inkqubo yokusebenza nentsingiselo yenkcitho	42
5. INKQUBO YESI-3: AMAVA NOBUQILI OBUZUZWAYO NGABASEBENZI	43
(IZIKO LEENKONZO EZIMANYANISIWEYO)	43
6.1 Okonyaka ekujoliswe kuko neenjongo zesicwangciso-nkqubo kusenzelwa u-2012/13	44
6.2 Izalathisi zomsebenzi nokonyaka ekujoliswe kuko kusenzelwa u-2012/13	45
6.3 Ekujoliswe kuko qho ngekota ka-2012/13	52
6.4 Ezomsebenzi ekujoliswe kuzo zingqamaniswa noHlahlo lwaBiwo-mali ne-MTEF	59
6.5 Inkqubo yomsebenzi nentsingiselo yenkcitho	60
7. INKQUBO YESI-4: ICENTRE FOR E-INNOVATION (IZIKO LEENKONZO EZIMANYANISIWEYO)	62
7.1 Okonyaka ekujoliswe kuko neenjongo zesicwangciso-nkqubo kusenzelwa u-2012/13	63
7.2 Okonyaka ekujoliswe kuko kusenzelwa u-2012/13 nezalathisi zomsebenzi	64
7.3 Ekujoliswe kuko qho ngekota ka-2012/13	66

7.4 Ezomsebenzi ekujoliswe kuzo zingqamaniswa noHlahlo lwaBiwo-mali ne-MTEF	70
7.5 Inkqubo yomsebenzi nentsingiselo yenkcitho	71
8. INKQUBO YESI-5:	
ISIQINISEKISO SOMANYANISO (IZIKO LEENKONZO EZIMANYANISIWEYO)	72
8.1 Okonyaka ekujoliswe kuko kusenzelwa u-2012/13 neenjongo zesicwangciso-nkqubo	73
8.2 Izalathisi zomsebenzi nokonyaka ekujoliswe kuko kusenzelwa u-2012/13	74
8.3 Ekujoliswe kuko qho ngekota ka-2012/13	79
8.4 Ezomsebenzi ekujoliswe kuzo zingqamaniswa noHlahlo lwaBiwo-mali ne-MTEF	84
8.5 Inkqubo yomsebenzi nentsingiselo yenkcitho	85
ISIGABA C: (PART C):	
OKUFUNEKAYO KUHLANGANE NEZINYE IZICWANGCISO	86
9. Okufunekayo kuhlangane ne-infrastrakhtsha yeminyaka emininzi kunye nezinye izicwangciso zekhupitali	86
10. Iigranti ezikhutshelwa iimeko ezithile	86
11. Amaqumrhu karhulumente	86
12. Izivumelwano zentsebenziswano yecandelo labucala/ kamasipala kunye nekhampani yabucala	86

ISIHLOMELO A: UBUME BEQUMRHU LESEBE LENKULUMBUSO

64

Isigaba somSebenzi (Itshathi 1) 65

Itshathi yesi-2: IZiko leeNkonzo eziManyanisiweyo
66

Itshathi 2.1: ICentre for E-Innovation
67

Itshathi 2.2: Amava nobuchule obuzuzwayo ngabasebenzi
68

Itshathi 2.3: IsiQinisekiso soManyaniso
69

Umsebenzi omkhulu wokuzimisela nengcinga yesicwangciso-nkqubo ingenile ekuqulunqweni kwesiCwangciso somSebenzi woNyaka ka-2012/2013 kusenzelwa iSebe leNkulumbuso. Esi sicwangciso ubukhulu baso bazisiwe yenye yeenjongo zikarhulumenteezilishumi elinambini kwisicwangciso-nkubo ekuthiwa “ kukwakha eyona ngingqi kakhulumente ilawulwa ngokuncomekayo ehlabathini.” Le njongo yesicwangciso-nkqubo igxile ekwakheni Turhulumente osebenza ngobuqili, ongenazimfihlelo, oluthwalayo uxanduva lwakhe nongenankohlakalo, onikezela kubemi ngeenkonzo ezihambelanayo neendleko zazo.

Okubalwayo okuphathekayo nokungaphathekiyo kwesi siCwangciso somSebenzi woNyaka kukhethwe ngobuchule, kugocagociwe kwaza kwahlaziywa kuqinisekiswa ukuba kuya kuhambelana nale njongo. Ngeli xesha ezinye zezi ziphumo zakubonwa kuphela emva kweminyaka embalwa, lo ngunyakamali wokuqala apho urhulumente wethu analo ithuba lokusabela ngenkxasomali yempahla enakho ukubalwa kunye neenkonzo kujoliswe kuzo zolishumi elinambini iinjongo zesicwangciso-nkqubo kumjikelo wohlahlo lwabiwomali.

Ezinye eziyimpahla enokubalwa kunye neenkonzo eziphambili neziqulathiweyo kweseSebe leNkulumbuso sika-2012/2013 isiCwangciso somSebenzi woNyaka ziquka oku kulandelayo:

Okokuqala, sakuqhuba sigxile ekomelezeni izicwangciso zamakhonkco obuhlakani namanye amazwe, ingakumbi emimandleni esinokulwandisa kuyo urhwebo, sitsale umdla wabatyalimali, sizuze izifundo ngezenzo eziphucukileyo kwabanye oorhulumente beenqila, ukuze bonke obo buqili sibusebenzise kweli phondo.

Okwesibini, iSebe leNkulumbuso liza kuqhubeka ngokuyifezekisa inkqubo yephondo yolawulo olunatyiiselwa kumasebe onke, nkqubo leyo iza kuqinisekisa ngentlanganisela yolawulo ephucukileyo kumasebe onke, ngolungelelwaniso olusemgangathweni ophezulu xa kufuneka kusetyenziwe. Iinjongo zethu zesicwangciso-nkqubo ezilishumi

elinambini zibandakanya umsebenzi wonke wemihla, kanti nempumelelo yenkqubo yolawulo enatyselwa kumasebe onke ibalulekile ukuze kuphunyelelwe kwezi njongo.

Kananjalo siqulunqe uphawu lorhwebo oluntsonkothileyo lukaRhulumente weNtshona Koloni nesicwangciso-nkqubo sonxibelelwano esiza kuqhubeka ngokusihlola, ngokuisiphucula nangokusifezekisela unyakamali ozayo.

Okunye okusikhuphe eminyaka edlulileyo kukusuka sidale inkqutyana entsha ebizwa njengeProjekhthi zesiCwangciso-nkqubo eziza kugxila ekuphuhliseni isicwangciso-nkqubo sentlanganisela yeziganeko nemisitho kusenzelwa uRhulumente weNtshona Koloni. Kude kube ngoku amasebe ephondo ayigayile imisitho ejongene nemicimbi ethile nengekalungelelaniswa kakuhle neenjongo zesethu isicwangciso-nkqubo. Le nkqutyana intsha iza kuqinisekisa ukuba yonke imisitho esingathwayo ngurhulumente wephondo iza kuzisa inzuzo yokwenene kwiphondo nakubemi.

Ukusekwa kweZiko leeNkonzo eziManyanisiweyo sekuqaliselwe ukuza neziphumo ezincomekayo malunga nolungelelwano oluphuculiweyo nolondolozo lweendleko olubalulekileyo ngokubhekiselele kumandla oluntu, kubuqili kwithekhnoloji nakwiinkonzo zolawulo lomngcipheko kurhulumente wonke wephondo. Kunyakamali ozayo iSebe leNkulumbuso liza kugxila ekuphuculeni owalo umsebenzi wamandla oluntu ngesandulela esikukufuduselwa kwenkqubo iPERSAL kwinkqubo eyiSAP yolawulo lwamandla oluntu, nokusetyenziswa kwenkqubo ekwi-intanethi yokufaka izicelo zomsebenzi kumasebe onke ephondo.

Kwakhona iSebe leNkulumbuso, lihangene neSebe loPhuhliso lwezoQoqosho kunye noKhenketho, isiXeko saseKapa, amanye amasebe kurhulumente kunye noomasipala, kuza kwandlalwa indlela yokwandiswa kwamandla ebroadband kwiphondo lonke, nto leyo iza kudala amanye amathuba ukuqalela kwawokufuna umsebenzi kuyiwe ekwandisweni koshishino kulungiselelwa abemi bethu.

Okunye okona kuphambili ekugxilwe kuko kweSebe leNkulumbuso kukuhlangabezana nengxaki yobuqhophololo kunye nenkohlakalo. Njengexalenye yesi sicwangciso-nkqubo, iSebe leNkulumbuso liza kuqhuba ngokuwomeleza amandla eCandelo loPhando lwaseNkundleni ngokulibonelela ngenkonzo zobungcali nangokulinika amanyathelo ekugqitywe ngawo kwangaphambili ngeenjongo zokunyusa ubuqili bokuqaqambisa lo msebenzi kurhulumente wephondo. Kananjalo eli candela liza kuqhubeka liwaphucula amathuba ngokumalunga neenjongo zokugweba zamaxesha akhethiweyo ezinxulumene ne-avareji yeentsuku ezithathwayo ukuze lugqitywe uphando olumalunga nezityholo zobuqhophololo kunye/okanye ezenkohlakalo.

Ndinethemba lokuba okunokubalwa okuyimpahla nenkonzo eziqukathiweyo kwisiCwangciso somSebenzi woNyaka ekugqibeleni kwakuba nesiphumo sokongezwa kwamathuba abemi bonke abahlala kweli phondo ukuze bawaqaphele amandla abo aleleyo babe nobomi obunentsingiselo. Ndiyaqinisekisa ukuba iSebe leNkulumbuso liyayidlala indima yobunkokeli neyolungelelwano nelindelekileyo kwesalo isiCwangciso

somSebenzi woNyaka nasekunxanelweni kweli sebe ukwakha oyena rhulumente wenqila ulawulwa ngokuncomekayo ehlabathini lonke.

nguHelen Zille

INkulumbuso yeNtshona Koloni

UGunyaziwe oPhezulu weSebe leNkulumbuso

UMQONDISO OSEMTHEHWENI

Ngokoke kuyainisekiswa ukuba esi siCwangciso somSebenzi woNyaka:

- Siuluniwe ngabalawuli beSebe leNkulumbuso ngokukhokelwa yiNkulumbuso uHelen Zille;
- Silungisiwe saza sahambelana nesisetenyenziwayo ngeli ixesha isiCwangciso-nkqubo seSebe leNkulumbuso;
- Sikudandalazisa ngokuchanekileyo okomsebenzi ekujoliswe kuwo oza kuzanywa liSebe leNkulumbuso ngezibonelelo zokusebenza ezifumanekayo kuhlalo lwabiwo-mali olwenzelwe unyaka ka-2012/2013.

Mnu. Drikus Basson

Ukusayina: _____

IGosa eliKhulu kwezeMali

Mnu. Almo Geldenhuys

Ukusayina: _____

ngumLawuli wesiCwangciso-nkqubo seSebe

IGqwetha leNkundla ePhakamileyo uBrent Gerber

Ukusayina:

IGosa loCwangciso-mali

Samkelwe ngu-:

Helen Zille

Ukusayina: _____

INkulumbuso (UGunyaziwe oPhezulu)

IZIQULATHO

ISIGABA A (PART A):

ISISHWANKATHELO SESICWANGCISO-NKQUBO	1
1. Uhlalutyo oluhlaziye wayo lobume	1
1.1 Imeko yokunikezelwa komsebenzi	4
1.2 Ubume bequmrhu	5
2. Uhlaziyo kugunyaziso lowiso-mthetho nolunye ugunyaziso	8
3. Isishwankathelo sohlahlo lwabiwo-mali luka-2011/12 nengqikelelo yesaKhelo seNkcitho yeXesha eliPhakathi (MTEF)	
Error! Bookmark not defined.	
3.1 Ingqikelelo yeNkcitho	
Error! Bookmark not defined.	
3.2 Ukunxulumanisa intsingiselo yenkcitho kwiinjongo zesicwangciso-nkqubo	
13	
4. INKQUBO 1: INKXASO YESIGQEBA (EZOLAWULO)	
15	
4.2 Izalathisi zomsebenzi nekujoliswe kuko ngo-2012/13	
18	
4.3 Okujoliswe kuko qho ngekota kusenzelwa u-2012/13	
22	
4.5 Umsebenzi nentsingiselo yenkcitho	
28	
5. INKQUBO 2: ABALAWULI BESICWANGCISO-NKQUBO SEPHONDO	
29	
5.1 Injongo yesicwangciso-nkqubo nekujoliswe kuko ngonyaka ka-2012/13	
31	
5.2 2012/13 Izalathisi zomsebenzi nekujoliswe kuko ngo-2012/13	
34	

5.3 Ekujoliswe kuko qho ngekota ka-2012/13

38

5.4 Okujoliswe kuko komsebenzi kungqamaniswa noHlahlo lwaBiwo-mali kunye ne-MTEF

41

5.5 Umsebenzi nentsingiselo yenkcitho

42

5. INKQUBO YESI-3: AMAVA OLUNTU NOBUCHULE BOMSEBENZI

43

(IZIKO LEENKONZO EZIMANYANISIWEYO)

43

6.1 Ekujoliswe kuko ngonyaka nenjongo yesicwangciso-nkqubo kusenzelwa u-2012/13

44

6.2 Izalathisi zomsebenzi nekujoliswe kuko ngo-2012/13

45

6.3 Ekujoliswe kuko qho ngekota ka-2012/13

52

6.4 Ekujoliswe kuko komsebenzi kungqamaniswa noHlahlo lwaBiwo-mali kunye ne-MTEF

59

6.5 Inkqubo yokusebenza nentsingiselo yenkcitho

60

7. INKQUBO YESI-4: ICENTRE FOR E-INNOVATION (IZIKO LEENKONZO EZIMANYANISIWEYO)

62

7.1 Ekujoliswe kuko ngonyaka nenjongo yesicwangciso-nkqubo kusenzelwa u-2012/13

63

7.2 Ekujoliswe kuko qho ngonyaka nzalathisi zomsebenzi ngo-2012/13

64

7.3 Ekujoliswe kuko qho ngekota ka-2012/13

66

7.4 Ekujoliswe kuko komsebenzi kungqamaniswa noHlahlo lwaBiwo-mali kunye ne-MTEF

70

7.5 Inkqubo yokusebenza nentsingiselo yenkcitho

71

8. INKQUBO YESI-5:

ISIQINISEKISO SOMANYANISO (IZIKO LEENKONZO EZIMANYANISIWEYO)

72

8.1 Ekujoliswe kuko ngonyaka nenjongo yesicwangciso-nkqubo kusenzelwa u-2012/13

73

8.2 Izalathisi zomsebenzi nekujoliswe kuko ngo-2012/13

74

8.3 Okujoliswe kuko qho ngekota ngo-2012/13

79

8.4 Ukungqinelaniswa komsebenzi ekujoliswe kuwo noHlahlo lwaBiwo-mali kunye ne-MTEF

84

8.5 Umsebenzi nentsingiselo yenkcitho

85

ISIGABA C

9. Ukuhlenganiswa kwe-infrastrakhtsha yeminyaka emininzi nezinye izicwangciso zekhapitali

86

10. Iigranti ezikhutshelwa iimeko ezihile

86

11. Amaqumrhu karhulumente

86

12. Public-private partnerships

86

ISIHLOMELO A: UBUME BEQUMRHU KWISEBE LENKULUMBUSO

64

Itshati ebalulekileyot (Itshati 1) 65

Itshati yesi-2: IZiko leeNkonzo eziManyanisiweyo

66

Itshati 2.1: ICentre for E-Innovation

67

Itshati 2.2: Amava nobungcaphephe obuzwa ngabaasebenzi

68

Itshati 2.3: IsiQinisekiso soManyaniso

69


Comment [21]:

ISIGABA A: ISISHWANKATHELO SESICWANGCISO-NKQUBO

1. Uhlalutyo lobume oluhlaziyiweyo

ISebe leNkulumbuso lizinikezele kwimbono nakulo ubizo lukaRhulumente wePhondo iNtshona Koloni kwaye, njengegunya lalo eliphambili, liyaluqaphela ubizo nembono yephondo engaphakathi njengoko kubonisiwe kulo mzobo ungezantsi.

IMBONO KUNYE NOBIZO LUKARHULUMENTE WEPHONDO INTSHONA KOLONI



Iimpawu zesimo eziphambili

Siyazibophelela kwicala leenkonzelo malunga nezi mpawu zesimo zilandelayo:

Ukugqwesa (Amandla nokuzimisela koko sikuqeshelweyo)

- Siyakwazi ukuwenza umsebenzi esiwuqeshelweyo, sisoloko siyizama intsulungeko.
- Abantu bethu siyabaphuhlisa sibakhulisa, siyabavumela sikwabaxhobisa ngokukwazi ukusebenza kuxhaswa indlela yokunikezelwa kweenkonzo.
- Abasebenzi siyabaxhobisa ukuze – bagxile ekunikezeleni ngenkonzo encomekayo ebantwini beNtshona Koloni.
- Sibonisa ulwazi nengqiqo – siyasebenzisana ukuze sivelise ngokubhekiselele kugunyaziso lomgaqo-siseko, lowiso-mthetho nolokukhetha.

Ukunika ingxelo (Siyaluthwala uxanduva lwethu)

- Sinengqiqo ecacileyo yeyethu imbono, ubizo, iinjongo zesicwangciso-nkqubo, intatho-nxaxheba, ugunyaziso nokuluthwala uxanduva.
- Sonke siyanikezela ngezethu iziphumo nook bekujoliswe kuko ngokomgangatho, ngokohlalo lwabiwo-mali nangexesha elifanelekileyo.
- Ingulowo uyaluthwaliswa uxanduva njengabaSebenzi bakaRhulumente kwaye siyazazi ukuba sithembene kwicala lokunikezela.
- Ingulowo ujongene noxanduva lomsebenzi wakhe, ngezenzo nangezigqibo azithathileyo.

Intembeko (Ukunyanyiseka nokwenza okulungileyo)

- Sidala imo yemimiselo ngokunyanyiseka, ngokubonisa imbeko nokujongana nentsingiselo encomekayo.
- Sizingela inyaniso, senza okulungileyo, ngendlela eyamkelekileyo nangokuchanekileyo kwimeko nganye.
- Kungathenjela kuthi yaye sithembekile, asiguquki kwicala lokuziphatha ngokuthetha nangezenzo zethu.
- Sisebenza ngentembeko kumanqanaba onke, kwiimeko zonke, asiyinyamezeli inkohlakalo.

Siyaphendula sihayile (Ukuze sijongane neemfuno zabemi kunye nezabasebenzi)

- Sigxile kubo abemi, sakha ubudlelwane obusivumelayo ukuba sizilindele ezabo iimfuno esizihlangabezayo kwangexesha elingaphambili.
- Sibathathela ingqalelo abemi nomntu ngamnye phakathi kwethu, siyafikeleleka, siyabamamela ukanti nentetho yabo siyayiva.
- Siyabaphendula ngokusebenza kwangexesha elifanelekileyo esivumeleneyo ngalo.
- Siyasebenzisana kwanabo bachaphazelekayo, sibaxhobisa ngeenkukacha ezifanelekileyo nezithembekileyo, sabelana nabo kwiimfuno zonke.

Ukubakhathalela (Ukubanonelela abo sibasebenzelayo sikwasebenza nabo)

- Sibahloniphile bonke abasebenzi nabemi, isidima sabo siyasigcina.
- Siyabamamela ngomdla, sibonisa imfesane kubasebenzi nakubo abemi.
- Siyababonelela ngenkxaso – sinomdla kumntu ngamnye njengabasebenzi nabemi, intlalontle yethu siyinonelele.
- Sinombulelo kwaye sibathathela ingqalelo abasebenzi kunye nabemi.

Iinjongo zesicwangciso-nkqubo neembono

Iinjongo zesicwangciso-nkqubo seSebe neembono zisoloko zifana ngaphandle nje kweenguquko kwintsingiselo yokuthetha/yamagama, nto leyo ingazichaphazeliyo ezona njongo ziphambili. Nangona kunjalo, ngonyakamali ka-2011/12 iSebe layichonga imfuneko yesicwangciso-nkqubo semisitho esiyintlanganisela esifanele uRhulumente weNtshona Koloni. INtshona Koloni, ingakumbi neKapa, inerekhodi ebalaseleyo njengommandla wemisitho ekufikelwa kuwo, kodwa ke ukusingathwa

kwemisitho liphondo eli kusoloko kujongene nemibandela ethile, oko akubhexeshwa yimbono yesicwangciso-nkqubo esihamba ngesicwangciso esiyinkqubo ethile. Ngenxa yoko iKomiti yesiGqeba kwezoLawulo lweSebe eli ibe nesisombululo sokuqulunqa injongo eyongeziweyo (INjongo yesiCwangciso-nkqubo 2.4) ukuze kwaneliswe oku kufunekayo.

linjongo zesicwangciso-nkqubo samasebe kunye neembono zishwankathelwe kwiTheyibhuli 1.

ITheyibhuli 1: linjongo zesicwangciso-nkqubo neembono zeSebe leNkulumbuso.

INJONGO YESICWANGCISO-NKQUBO	IIMBONO NGESICWANGCISO-NKQUBO
1. Inkxaso yolawulo lobuchule nesebenzayo kwiQoqo (INkqubo 1).	1.1 Kukubonelela iNkulumbuso ngenkonzo yenkxaso kwezolawulo (INkqutyana 1.2).
	1.2 Kukubonelela iQoqo ngoonobhala bequmrhu abaphezulu nangenkonzo yenkxaso kwezolawulo (INkqutyana 1.3).
	1.3 Kukubonelela umLawuli-Jikelele ngenkonzo yolawulo lwesicwangciso-nkqubo sesebe nangenkxaso yokusebenza (INkqutyana 1.4 neye-1.5)
2. Ulawulo lwesicwangciso-nkqubo sephondo sonamathelwano kulungiselelwa iNtshona Koloni (INkqubo yesi-2)	2.1 Kukubonelela ngomgaqo-nkqubo wephondo nangolawulo lwesicwangciso-nkqubo esinatyselwe kumasebe onke ukuze lusebenze ngokuncomekayo ulawulo lwephondo (INkqutyana 2.2).
	2.2 Kukubonelela ngengcombolo yolawulo lwesicwangciso-nkqubo ukuze lusebenze ngokuncomekayo ulawulo lwephondo (INkqutyana 2.3).
	2.3 Kukubhexesha indlela enetsingiselo yokunxibelelana nabantu baseNtshona Koloni (INkqutyana 2.4).
	2.4 Kukuyisebenzisa ngocwangco imisitho ukuze komelezwe ukukhula kwephondo neenjongo zophuhliso (INkqutyana 2.6).
3. Ezisebenzayo, ezobuqili iinkonzo ezimanyanisiweyo zobungcali nabantu ababalaseleyo, ngeenkqubo nethekhnoloji zokunyusa umgangatho wokunikezelwa kweenkonzo nguRhulumente weNtshona Koloni (INkqubo yesi-3, yesi-4 neyesi-5).	3.1 Kukubonelela ngabasebenzi abanegalelo elimandla kwicala lokunikezela ngeenkonzo (INkqubo 3; iNkqutyana 3.2, 3.4 neye-3.4).
	3.2 Kukuthemba impumelelo yokunikezelwa kweenkonzo ngamanyathelo engcombolo nangethekhnoloji yonxibelelwano (INkqubo 4; iNkqutyana 4.2 neye-4.3).
	3.3 Kukubonelela ngezephondo iinkonzo zesiqinisekiso somanyaniso ezinegalelo kwisakhelo solawulo esibhadlileyo (INkqubo

	yesi-5; iNkqutyana 5.2; 5.3 neye-5.4).
	3.4 Kukubonelela ngenkonzo yenkxaso kwezomthetho (iNkqubo yesi-5; iNkqutyana 5.5).
	3.5 Kukubonelela ngenkonzo esulungekileyo yomanyaniso lonxibelelwano (iNkqubo yesi-5; iNkqutyana 5.6).

1.1 Imeko yokunikezelwa komsebenzi

Emva kokuqalisa umsebenzi, iBhunga labaphathiswa layihlalutya imeko laza lachonga imibandela eliqela eyafuna ulamlo olukhethekileyo. Ngokukhokelwa yiNkulumbuso, iSebe eli laqalisa ngenkqubo yokulifanela ixesha langoku ukuze iqulunqwe ngokutsha indlela yokusebenza kukaRhulumente ngeenjongo zokuwanyusa amandla okunikezelwa kweenkonzo nokuphathwa kwezimali ngobuchule.

Ngonyakamali ka-2011/12 uyilo lwesicwangciso-nkqubo sephondo lwagqitywa lwaza lwadluliselwa kwabanye ukuze kucetyiswane. Esinye seenjongo zesicwangciso-nkqubo sephondo siqulathiweyo sesi sicwangciso sibhekisa “ekwaKhiweni koyena rhulumente wenqila ulawulwa ngokuncomekayo ehlabathini” (iNjongo engu-12 yesiCwangciso-nkqubo sePhondo okanye i-PSO 12). Le njongo yesicwangciso-nkqubo yagqitywa yaza yamkelwa yiKhabhinethi yephondo ngo-2011/12, yaba nempembelelo ebalulekileyo kwesika-2012/13 isicwangciso somsebenzi wonyaka seSebe leNkulumbuso. INkqubo yokuliLungela ixesha esikulo esiasandulela nekwayingcebiso kule njongo yesicwangciso-nkqubo, uyilo olusephepheni eliluhlaza ekuthethwa ngalo kwesi siCwangciso-nkqubo, lunike inkcazelo ngokuchongwa kwale ilandelayo imixholo emithandathu yeziphumo okanye yeengongoma emakugxilwe kuzo:

1. Ulawulo lwamaziko olunobungcali nolungenamfihlelo;
2. Ulawulo lwezimali;
3. Ukulawulwa kwabantu;
4. I-E-government;
5. Unikezelo lweenkonzo olugxile kubemi; kunye
6. Nolawulo olujonge kwiziphumo.

Ezona mpembelelo ziphambili zihamba nezi ziphumo zinxulumene nolawulo oluncomekayo kuRhulumente weNtshona Koloni nakumgangatho ophuculiweyo wobomi kubemi beNtshona Koloni.

Ingongoma nganye kwezi zingasentla kwakhona iphinda ingqamaniswe neziphumo ezikhethekileyo, nezithe, ekugqibeleni, zakhiwa ziimveliso ezithile ezinomsebenzi ekujoliswe kuwo. Ezi mveliso nezinto ekugxilwe kuzo ezinxulumene nazo zizo ezibe ngumkhomba-ndlela wokuqulunqwa kwesika-2012/13 isicwangciso somsebenzi wonyaka kwiSebe. ESeSebe nesilandelayo isicwangciso somsebenzi wonyakamali ka-2014/15 ngokwenkqubo siza kuzama ukuba nengqiqo ngeziphumo kwixesha eliphakathi enyakeni. Nangona kunjalo, kuyaziwa ukuba ezininzi kuzo ziza kuveza iziphumo kuphela emva kweminyaka emihlanu okanye emininzi kunaleyo.

Kuqulunqwe entsha injongo yesicwangciso-nkqubo semasebe, lilonke kukho inkqutyana entsha ekuthiwa zii*Projekhthi zesiCwangciso-nkqubo* kwiNkqubo yesi-2:

ULawulo lwesiCwangciso-nkqubo sePhondo: Le njongo iqulunqelwe ukuxhasa isicwangciso seBhunga labaphathiswa xa kubhexeshwa ezona projekhthi zibalulekileyo zokukhula kwephondo, zamandla aleleyo kwezophuhliso phakathi kwamasebe, phakathi korhulumente kunye/okanye nakwinqanaba eliphakathi kwamacandelo.

Okunye okutsha okwenziweyo kukubandakanywa kweengcali kwiinkonzo zeCandelo loPhando lwaseNkundleni kwiNkqubo yesiQinisekiso soManyaniso. Zizonke iibono neenjongo zesisicwangciso-nkqubo seSebe aziguqukanga, ngaphandle nje kokuhlelwa kwentetho/kolwimi kwezinye iimeko ezithile.

Abona bagcini be-PSO 12 liSebe leNkulumbuso, yi-Ofisi kaNondyabo kwinqanaba lePhondo neSebe likaRhulumente womMandla njengee-arhente ezibalulekileyo zikarhulumente. ISebe leNkulumbuso lijongene noxanduva lokuququzelela izenzo ezifunekayo zokufezekiswa kweenjongo zesisicwangciso-nkqubo sephondo njengenxalenye yesicwangciso sephondo. Ngonyakamali ka-2012/13 iSebe leNkulumbuso liza kuyeka ukugxila ekucwangciseni, liza kugxila kwinkqubo yokufezekisa.

1.2 Imeko yequmrhu

Owona msebenzi ubalulekileyo wokuqulunqwa kwesika-2012/13 isiCwangciso somSebenzi woNyaka ibe kukujonga amandla eSebe neengxaki ezijongene nalo. Uqikelelo lwenziwe ngexesha bekucwangciselwa isebe ngo-Agasti ka-2011, kulapho abalawuli abaphezulu beSebe babalule okunokubalwa okuyimpahla neenkono kuthelekiswa nemeko kanye nomsebenzi wesebe. Kwakhona lwenziwe uqikelelo lomngcipheko wenkqubo nganye ngelo xesha bekucwangciswa. UmLawuli-Jikelele neqel;a lakhe elingabalawuli bathe gqolo ngokuzihlalutya ezi mpahla nezi nkonzo zinakho ukubalwa njengezandulela kuthelekiswa nezikhoyo izibonelelo zokusebenza, isiphumo ibe zezxi zalathisi zikhethekileyo zokusebenza njengoko ziqulathiwe sesi sicwangciso. Umngcipheko onxulumene nokuphumelela kwezi zicwangciso uye waguqulelwa kwirejista yomngcipheko wesicwangciso-nkqubo sesebe nakwiirejista zomngcipheko wokusebenza ngokwenkqubo nganye.

Uhlahutyo lokusebenza nemeko yequmrhu lukhokelele ekuchongweni kwala mandla equmrhu alandelayo:

- Ukuba nethekhnoji esemgangathweni ophezulu nokuba phambili kwiziqalelo;
- Ukuveliswa kweendlela zokusebenza eziphucukileyo kuzwelonke, umzekelo ngowokuyilwa kwakhona kobume bequmrhu ukuze kulungelelaniswe nezibophelelo zesisicwangciso-nkqubo kunye nolawulo;
- Ukuphuculwa kwenkqubo yokuPhengulula umgangatho neMpembelelo yomsebenzi owenziwayo; kunye
- Kukuseka unamathelwano lomgaqo-nkqubo kwiphondo lonke.

lingxaki elimele ukujongana nazo iSebe leNkulumbuso zinento yokwenza nokunkulandelayo:

- Ukuxhomekeka kwamanye amasebe ukuze kuhlangebezwane nomsebenzi ekujoliswe kuwo ngenxa yemisebenzi enatyiselwe kuwo onke amasebe;
- Ayanelisi kwezinye iimeko indlela yokuthotyelwa kwemimiselo yezomthetho. IMpilo yabasemSebenzini, uKhuseleko nokunganeli kuKhuseleka isiXhobo esisetyenziswa ngumQeshwa kuphela, kukuKhuseleka iziXhobo zonke ezikwiKhompyutha/ ezikwi-Intanethi, ezi ziingongoma ezimbini ezifuna ingqwalasela;
- Kusekho inkqubo yokuphucula imibandela enxulumene nolawulo olumanyanisiweyo, umzekelo: ubuqili kulawulo lwezimali nolawulo lomngcipheko.
- Ukunqongophala kwezibonelelo zokusebenza: ngenxa yophengululo neembono yezithethe kwezoqoqosho, okona kuphambili kwangaphakathi yimpahla neenkondo ezinokubalwa nekungenakusetyenzwa ngaphandle kwazo.

ISebe leNkulumbuso linxanduva lokuqinisekisa ngolawulo lwephondo. Ukuze kunikezelwa malunga nolu gunyaziso, kuchongwe iinkqubo ezintlanu. ISebe linesakhelo esingamacandelo amathathu angawona aphambili. Ubume becandelo nendlela elisebenza ngayo malunga neenkqubo ezahlukileyo, konke oko kubonisiwe kwiTheyibhuli 2.

ITheyibhuli 2: Ubume nendlela yokusebenza kweSebe leNkulumbuso

Ubume besebe	INKqubo	INKqutyana
1. INkxaso yeBhunga leCandelo	1. INKxaso yeBhunga labaphathiswawa (Ezolawulo)	1.1 INkxaso yeNkqubo
1.1 I-Ofisi yeNkulumbuso		1.2 I-Ofisi yeNkulumbuso
1.2 Oonobhala bequmrhu kwiBhunga labaphathiswa		1.3 Oonobhala bequmrhu kwiBhunga labaphathiswa
1.3 I-Ofisi yomLawuli-Jikelele		1.4 I-Ofisi yomLawuli-Jikelele
		1.5 IziMali zeSebe nezolawulo

<p>2 ICandelo labaLawuli</p> <p>besiCwangciso-nkqubo sePhondo</p> <p>2.1 UmGaqa-nkqubo nesiCwangciso-nkqubo</p> <p>2.2 Ingcombolo yabaLawuli besiCwangciso-nkqubo</p> <p>2.3 UNxibelelwano kwisiCwangciso-nkqubo</p> <p>2.4 IProjekhthi zesiCwangciso-nkqubo</p>	<p>2. AbaLawuli</p> <p>besiCwangciso-nkqubo sePhondo</p>	<p>2.1 INkxaso yeNkqubo`</p> <p>2.2 UmGaqa-nkqubo nesiCwangciso-nkqubo</p> <p>2.3 Ingcombolo yabaLawuli besiCwangciso-nkqubo</p> <p>2.4 UNxibelelwano kwisiCwangciso-nkqubo</p> <p>2.5 INdebe yeHlabathi ka-2010 kwiFIFA ¹</p> <p>2.6 IProjekhthi zesiCwangciso-nkqubo</p>
<p>3. IZiko leeNkonzo</p> <p>eziManyanisiweyo</p> <p>3.1 Amava nobuchule babasebenzi</p> <p>3.2 ICentre for E-Innovation</p> <p>3.3 Isiqinisekiso soManyaniso</p> <p>3.4 IiNkonzo zomThetho</p> <p>3.5 Unxibelelwano oluManyanisiweyo</p>	<p>4. Amava nobuchule</p> <p>Babasebenzi</p>	<p>3.1 INkxaso nesiKhokelo kwiNkqubo</p> <p>3.2 UkuPhuhliswa kweQumrhu</p> <p>3.3 IZiko loQeqesho kwiPhondo</p> <p>3.4 ULawulo lwaMandla oLuntu</p>
	<p>5. ICentre for E-Innovation</p>	<p>4.1 INkxaso nesiKhokelo kwiNkqubo</p> <p>4.2 IiNkonzo zesiCwangciso-nkqubo kwi-ICT</p> <p>4.3 IiNkonzo zoLawulo lweGITO</p>
	<p>3.6 Isiqinisekiso soManyaniso</p>	<p>5.1 1 INkxaso nesiKhokelo kwiNkqubo</p> <p>5.2 ULawulo lomNgcipheko woShishino</p> <p>5.3 Uphicotho-zincwadi lwangaPhakathi</p> <p>5.4 ICandelo loPhando lwaseNkundleni</p> <p>5.5 IiNkonzo zomThetho</p> <p>5.6 Unxibelelwano oluManyanisiweyo</p>

¹Since this sub-programme has been discontinued due to the end of the project, no outputs and targets are included in the 2012/13 APP, but it is included here to reflect the historical spending.

Kubalulekile ukuqaphela ukuba imisebenzi yeNkqubo 1 neyesi-2 ibhalwe phantsi kwamasebe athiywe ngokufanayo kubume beSebe, ukanti iNkqubo yesi-3 ukuya kweyesi-5 zona zingena phantsi kweZiko leeNkonzo eziManyanisiweyo. Ubume bequmrhu leSebe leNkulumbuso buqhotyoshelwe kule ngxelo njengesihlomelo A.

Selichongiwe iqela leziqalelo ezinokufuna isongezo kumandla oluntu. Phakathi kwezinye izinto, zona zimalunga:

- Amandla okuzithobela ngokupheleleyo izakhelo zowiso-mthetho nezomgaqo-nkqubo ezinxulumene nempilo yabasebenzayo, ukhuseleko nokhuselo;
- Amandla omsebenzi wokunxibelelana okunatyiselwa kumasebe onke kaRhulumente weNtshona Koloni;
- Amandla okufezekisa uyilo lwakutshanje oluqulunqiweyo lwesiCwangciso soLawulo lwaBantu bePhondo;
- Amandla okuthobela inkqubo kazwelonke yokuphengululwa komgangatho nempembelelo yomsebenzi kunye nokunikwa kwengxelo;
- Amandla okunikezelakumasebe abaxhasi ngenkonzo yolawulo oluntsonkothileyo lomngcipheko, oko kuxhomekeka kwisicwangciso-nkqubo esisetyenzisiweyo nesisetyenziswayo; kunye
- Nesongezo samandla kwi-Ofisi yomLawuli oyiNtloko: kuPhicotho-zincwadi lwangaPhakathi, ikakhulu ukuze kuphuhlise ukhuselelo lophicotho-zincwadi lwangaphakathi nokuqula iingongoma ebezingadityaniswa kwizicwangciso zexesha elidlulileyo (umzekelo: olwe-IT uphicotho-zincwadi lwangaphakathi kunye nophicotho lomsebenzi).

Ukongeza apho, enziwe amalungiselelo enkxasomali yolamlo kwezolawulo lwenguqu ezijoliswe ekuhlangabezeni amanqanaba okuphazamiseka kwamandla ngenxa yenkqubo engekho kwezomsebenzi kuRhulumente wePhondo nakwinkqubo yekhompuyutha kulawulo lwekhefu.

2. Uhlaziyo lowiso-mthetho nolunye ugunyaziso

Uwiso-mthetho kunye namanye amagunya, njengoko kubonisiwe apha ngezantsi, alunamfuneko yokuhlaziywa kwezo zabaniswayo kwesika-2010/11 ukuya kwesika-2014/15 isicwangciso-nkqubo seminyaka emi-5. Nangona kunjalo, iingcebiso ezivela kwindlela yokusebenza kwinkqubo yokulifanela ixesha elikulo, ezijongene nohlaziyo lwamaqumrhu karhulumente zinganesiphumo solutsha okanye solulungisiweyo uwiso-mthetho olulawula amaqumrhu aseburhulumenteni. Njengexalenye yenkqubo yokulifanela eli xesha langoku, kwabakho isindululo sokuba malichithwe iQumrhu loPhuhliso lwePhondo (PDC). UmThetho oYilwayo wokuBhangiswa kweQumrhu loPhuhliso lwePhondo wasetyenziswa ngoDisemba ka-2011. Lo mThetho wafakwa kwigazethi ngoDisemba ka-2011, isiphumo seso senzo saba kukupheliswa kwe-PDC.

Amagunya omGaqo-siseko afunekayo kweli Sebe ukuze kunikezelwe anxulumene namagunya, nemisebenzi kunye noxanduva lukaRhulumente wePhondo obambeleleyo kumGaqo-siseko kazwelonke, ikakhulu kuChapter 6, wamaLungelo Oluntu, namanye amaLungelo omGaqo-siseko kunye nomGaqo-siseko wePhondo leNtshona Koloni, ingakumbu uChapter 4. Imithetho edweliswe apha ngezantsi,

idibene nemiGaqo-siseko, iyakhokela ingumkhomba-ndlela wezenzo zonke kunye noxanduva oluthathwayo kwiSebe.

- Constitution of the Republic of South Africa, 1996
- Constitution of the Western Cape, 1997
- Public Finance Management Act 1 of 1999
- Intergovernmental Relations Framework Act 13 of 2005
- Public Service Act, Proc 103 of 1994
- Pensions Fund Act 24 of 1956
- Income Tax Act 58 of 1962
- State Tender Board Act 86 of 1968
- Prescription Act 68 of 1969
- Occupational Health and Safety Act 85 of 1993
- Compensation for Occupational Injuries and Diseases Act 130 of 1993
- Labour Relations Act 66 of 1995
- Development Facilitation Act 67 of 1995
- Government Employees Pension Law Proc 21 of 1996
- National Archives and Record Service of South Africa Act 43 of 1996
- Extension of Security of Tenure Act 62 of 1997
- Basic Conditions of Employment Act 75 of 1997
- Local Government: Municipal Demarcation Act 27 of 1998
- Employment Equity Act 55 of 1998
- Skills Development Act 97 of 1998
- Local Government: Municipal Structures Act 117 of 1998
- Skills Development Levies Act 9 of 1999
- Promotion of Access to Information Act 2 of 2000
- Promotion of Administrative Justice Act 3 of 2000
- Promotion of Equality and Prevention of Unfair Discrimination Act 4 of 2000
- Preferential Procurement Policy Framework Act 5 of 2000
- Protected Disclosures Act 26 of 2000
- Local Government: Municipal Systems Act 32 of 2000
- Broad-Based Black Economic Empowerment Act 53 of 2003
- Local Government: Municipal Finance Management Act 56 of 2003
- Local Government: Municipal Property Rates Act 6 of 2004
- Prevention and Combating of Corrupt Activities Act 12 of 2004

- Public Audit Act 25 of 2004
- State Information Technology Agency Act 88 of 1998
- Government Immovable Asset Management Act 19 of 2007
- Division of Revenue Act (annually)
- Prevention of Organised Crime Act 121 of 1998
- Financial Intelligence Centre Act 38 of 2001
- Electronic Communications Security (Pty) Ltd Act 68 of 2002
- Electronic Communications and Transactions Act 25 of 2002
- Western Cape Land Administration Act 6 of 1998
- Western Cape Law on the Powers and Privileges of the Provincial Legislature (Law 3 of 1995)
- Western Cape Direct Charges Act 6 of 2000
- Provincial Archives and Records Service of the Western Cape Act 3 of 2005
- Western Cape Provincial Public Protector Law 6 of 1994
- Western Cape Delegation of Powers Law 7 of 1994
- Western Cape Coat of Arms Act 7 of 1998
- Western Cape Provincial Commissions Act 10 of 1998
- Western Cape Provincial Honours Act 9 of 1999
- Members of the Western Cape Provincial Parliament Code of Conduct Act 3 of 2002
- Western Cape Provincial Youth Commission Repeal Act 2 of 2009
- Provincial Restaurant Ordinance 23 of 1964
- Committees of Inquiry Ordinance 13 of 1978
- Provincial Development Council Act Repeal Act 5 of 2011

Ukongeza apho, isebe, njengequmrhu nasekudlaleni eyalo indima kurhulumente wephondo, likhokelwa ngumgaqo-nkqubo wamagunya kazwelonke, ingakumbi la alandelayo:

- Isakhelo sesiCwangciso-nkqubo seXesha eliPhakathi – 2010 – 2014
- IKhomishoni yesiCwangciso kuZwelonke – iPhepha leNgcaciso – ngo-Oktobha ka-2009
- Isakhelo sikaZwelonke se-M&E – ngo-Oktobha ka- 2009
- Esika-2010 ukuya ku-2014 isiCwangciso sokuSebenza sikaZwelonke
- Isakhelo kwisiCwangciso-nkqubo sikaZwelonke seSebe labaBhinqileyo, labaNtwana naBantu abaKhubazekileyo.
- Izakhelo zomGao-nkqubo oKhethekileyo kaZwelonke weSini nokuXhotyiswa kwabantu abaBhinqileyo, abaKhubazekileyo kunye nabaNtwana

- UmGaqo-nkqubo woLutsha lukaZwelonke (2009-2014) we-Arhente yoPhuhliso loLutsha lukaZwelonke
- Izakhelo zomGaqo-nkqubo zelikaZwelonke iSebe leeNkonzo zikaRhulumente nezolawulo kuLingano ngokweSini, ukuKhubazeka noLutsha kwiNkonzo kaRhulumente
- EzikaZwelonke iziPhumo zokuLinganisela

3. Isishwankathelo sohlahlo lwabiwomali luka-2011/12 nengqokelelo yesaKhelo seNkcitho yeXesha eliPhakathi (MTEF) estimates

3.1 Inggikelelo yenkcitho

ITheyibhuli 3: Inggikelelo yenkcitho yeSebe leNkulumbuso

INkqubo	Iziphumo eziphicothiweyo ezincwadini			Ulwabiwomali olulungisiweyo	Inggikelelo yenkcitho kwiXesha eliPhakathi		
	2008/09	2009/10	2010/11		2011/12	2012/13	2013/14
Amawaka eeRandi							
Inkxaso yeBhunga	84 370	75 325	67 024	66 724	67 094	73 267	76 349
1. labaphathiswa (EzoLawulo)							
ULawulo	26 821	64 272	34 440	30 356	32 115	37 056	39 306
2. lwesiCwangciso-nkqubo sePhondo iKhapitali yoLuntu	54 301	57 782	84 449	119 211	134 759	144 994	148 211
3. (kwiZiko leeNkonzo eziManyanisiweyo) ICentre for e-	207 517	242 785	363 486	394 823	372 849	401 427	420 314
4. Innovation							
IsiQinisekiso	56 484	37 925	71 519	82 904	92 985	97 692	101 487
5. soManyaniso (kwiZiko leeNkonzo eziManyanisiweyo)							
Ewonke	429 493	478 089	620 918	694 018	699 802	754 436	785 667
Ukutshintshela kwingqikelelo yohlahlo lwabiwomali ka-2011					5 784	60 418	91 649

Ukuhlelwa kwezoQoqosho

Intlawulo yee-asethi zexesha elide, eyokuphuculwa kwe-infrastrakhtsha, njalo-njalo	381 064	414 245	569 439	660 530	657 562	710 700	744 796
Imbuyekezo yabasebenzi	172 642	210 849	266 420	331 969	356 984	385 532	410 025
Impahla neenkonzo ezinokuba:	208 168	203 113	302 727	328 519	300 312	324 878	334 461
Lunxibelelwano	5 305	5 259	4 922	4 752	4 959	5 206	5 525
Luncedo	101 966	118 962	216 501	235 863	189 683	204 937	214 735
ngeekhompyutha							
Abacebisi, abasebenza ngezivumelwano neenkonzo	40 630	25 477	35 741	37 414	54 689	60 547	58 978

ezikhethekileyo							
Uludwe lwempahla yee-ofisi	4 389	5	5 844	6 552	7 515	8 004	8 482
Intlawulo yokuqeshisa	2 862	3 211	5 395	4 424	2 312	2 555	2 690
Utyelelo nendlela yokuphila	14 323	12 772	8 329	13 135	12 895	13 700	14 525
Iindawo zemisitho nezokuNceda uluntu	4 421	5 566	1 493	3 277	2 261	2 725	2 823
Enye intlawulo	34 272	26 359	24 502	23 102	25 998	27 204	26 703
Inzala nerenti yomhlaba	254	283	292	42	266	290	310
Intlawulo yee-asethi ezenza imali ngenxa yamabango ezivumelwano	63	48	117				
Udluliselo nenkxasomali eya:	26 171	16 959	15 392	17 281	29 250	27 350	27 350
kumaPhondo nakoomasipala		850			18 500	18 500	18 500
Kwii-arhente zamaSebenee-akhawunti	17 442	8 211	7 528	6 000			
Iiyunivesithi neethekhnikhoni	10						
OoKopolotyeni bakarhulumente namashishini abucala	30						
Amaziko angenzi nzala	8 402	7 458	6 241	11 111	10 750	8 850	8 850
Iintsapho	287	440	1 623	170			
Intlawulo yee-asethi zexesha elide	22 195	46 837	35 970	16 207	12 990	16 386	13 521
Izakhiwo nezinye izinto ezingashenxiyo		22 291	835				
Oomatshini nezixhobo zokusebenza	22 195	24 546	35 135	16 207	12 990	16 386	13 521
Ezothutho nezixhobo zokusebenza							
ISoftware nezinye ii-asethi ezingenakuchukunyiswa							
Iyonke	429 493	478 089	620 918	694 018	699 802	754 436	785 667

3.2 Malunga nentsingiselo yenkcitho kwiinjongo zesicwangciso-nkqubo

Ngenxa yenyathelo likarhulumenteb lokuzama ukuthoba imali esetyenziswayo nelibhengezwe ngokazwelonke umPhathiswa weziMali, iPhondo lisebenzise ubulumko kuhlalo lwabiwomali obujoliswe ekudaleni amathuba emisebenzi ngonyaka ka-2012/13. Isabelo esingaphantsi kuneso sifanelekileyo esiza kufunyanwa liPhondo kuRhulumente kaZwelonke sibe nesiphumo sokuzuzwa kolona hlahlo lwabiwo-mali luncinci liSebe kusenzelwa u-2012/13, kube nzima

ukwenziwa kwendlela yokwandiswa kohlhlo lwabiwo-mali. Iziqalelo ezitshan kwesi sicwangciso somsebenzi wonyaka kuza kufuneka zinikwe inkxasomali, ikakhulu ngokubeka phambili ezangaphakathi iimveliso emazigqitywe zize zinikezelwe ngokwesivumelwano, okanye ufezekiso oluqhwalelayo kwiziqalelo.

Izinto emazigqitywe nemazinikezelwe zeNkqubo 1, iNkxaso yeBhunga labaphathiswa (kwezoLawulo), kuxhaswa injongo yesicwangciso-nkqubo sesebe esijoliswe ekunikezeleni ngeenkonzoz ezifanelekileyo, ngexesha elikwafanelekileyo kwiBhunga labaphathiswa nakumLawuli-Jikelele kaRhulumente weNtshona Koloni, zinto ezo zikuvumelayo ukulawulwa kwePhondo.

Imali eyi-R67 094 000 yabelwe le nkqubo. Ulwabiwomali olo lubonelela ngenkxasomali yenkqubo yobunjinieli besoftware ethathwa kwamanye amajelo, kunikezelwa kwiBhunga labaphathiswa ngenkonzo enenkxaso yolawulo.

INkqubo yesi-2, uLawulo lwesiCwangciso-nkqubo sePhondo, kuxhaswa injongo yesicwangciso-nkqubo sesebe kuncedwa iNkulumbuso neKhabhinethi ngobungcali emsebenzini ukuze basebenzise igunya labo lokuphatha beqwalasele ulawulo lwesicwangciso-nkqubo.

Imali eyi-R32 115 000 yabelwe le nkqubo kulungiselelwa ukunyuswa kwemivuzo nokufakwa bafanelekileyo ezikhundleni kwi-Ofisi yabaLawuli: Iinkcukacha zendawo ezingobushushu, umhlaba wayo, imimoya okanye ukufuma kwayo. Oku kuxhasa iBhunga labaphathiswa malunga nomgaqo-nkqubo wephondo nesicwangciso-nkqubo, ngengcombolo yolawulo lwesicwangciso-nkqubo, ngonxibelelwano kwisicwangciso-nkqubo kunye neprojekthi zeso sicwangciso-nkqubo.

INkqubo yesi-3, eyesi-4 neyesi-5, iKhapitali yoLuntu, iCentre for e-Innovation isiQinisekiso soManyaniso, zonke zinikezelwa kujoliswe kwinjongo yesicwangciso-nkqubo sesebe ukuze kuzuzwe iinkonzo ezimanyanisiweyo ezisebenzayo, ezinobuqili nobungcali ngabantu abaziincutshe, ngeenkqubo nethekhnooloji yokukhuthaza unikezelo lweenkonzo nguRhulumente weNtshona Koloni.

INkqubo yesi-3: IKhapitali yoLuntu, inenjongo yokubonelela ngabasebenzi abanobuqili, yokuphemelela abasebenzi ngobungcali, ngokuphuhlisa ubunkokeli obubangela ukuzibophelela kwabasebenzi nonikezelo lweenkonzo oluphucukileyo. Imali eyi-R134 759 000 yabelwe le nkqubo. Ulwabiwo lunyuselwe amalungiselo okunyuswa kwemivuzo nokufakwa kwabafanelekileyo ezikhundleni.

Imali eyi-R372 849 000 yabelwe iNkqubo yesi-4 kujoliswe kwinjongo yayo yokuvumela unikezelo lweenkonzo olubalaseleyo nokuza nomkhomba-ndlela wesicwangciso-nkqubo, ngengcombolo yeziqalelo nethekhnooloji yonxibelelwano kuRhulumente wePhondo. Le mali ibonisa ukwehla kusukwa kunyakamali ophelileyo ngenxa yolwabiwomali yeelayisenisi zeMicrosoft oludluliselwe kunyakamali ka-2010/11. Injongo yeNkqubo yesi-5, yesiQinisekiso soManyaniso kukubonelela ngeenkonzoz zesiqinisekiso somanyaniso ukuze kuvuthwe isakhelo solawulo kumasebe onke kaRhulumente wePhondo iNtshona Koloni ngolawulo longchipeko oluzinzisiweyo, ngeenkqubo zoshishino eziphuculiweyo, ngokungabunyamezeli ubuqhophololo kunye nenkohlakalo. Kwakhona le nkqubo iquka isibonelelo seeNkonzo zomThetho noNxibelelwano oluManyanisiweyo. Imali eyi-R92 985 000 yabelwe le nkqubo.

ISIGABA B: IZICWANGCISO ZENKQUBO NEZENKQUTYANA

Ubume bale nkqubo yeSebe leNkulumbuso buyadandalaziswa phantsi *kweMeko yeQumrhu* kwaye ibonisiwe kwiTheyibhuli yesi-2.

Okomsebenzi ekujoliswe kuko kweenjongo zesicwangciso-nkqubo kwanenye kwezi nkqubo zintlanu, nezalathisi zomsebenzi eziza kubhexesha ingqikelelo yomsebenzi wonke wenkqubo nganye yonyakamali ka-2012/13 kubonisiwe kwesi sigaba sengxelo..

4. INKQUBO 1: UKUXHASWA KWEBHUNGA LABAPHATHISWA (KWEZOLAWULO)

Le nkqubo ixhasa injongo yesicwangciso-nkqubo esineenjongo ngeenkondo zokuxhasa ulawulo lwebhunga labaphathiswa ukuze lufaneleke, lwenzeke ngexesha elikwafanelekileyo kuncedwa iBhunga labaPhathiswa nomLawuli-Jikelele kaRhulumente weNtshona Koloni.

Injongo neembono zesicwangciso-nkqubo esinxulumene nale nkqubo zilungiselelwe ukuba mazijolise kwanjalo zilungelelaniswe nemisebenzi yonke enikezelwayo. Nangona kunjalo, ayixhenxanga kakhulu kumbandela wento ekugxilwe kuyo yembono okanye yeenjongo zesicwangciso-nkqubo

Le nkqubo ilandela ezi njongo zilandelayo zesicwangciso-nkqubo:

1. **I-Ofisi yeNkulumbuso:** Kukubonelela iNkulumbuso ngenkonzo yenkxaso kwezolawulo to the Premier.
2. **OonoBhala beBhunga labaphathiswa:** Kukuxhasa ulawulo olusebenzayo ngokubonelela ngoonobhala bebhunga labaphathiswa, ngemithetho yokuziphatha, kwinkqubo yokusebenza ezi-ofisini, ngesikhokelo kwisicwangciso-nkqubo, ngeziqulatho kubudlelwane bamazwe ngamazwe nakumalungelo oluntu.
3. **I-Ofisi yomLawuli-Jikelele:** Kukubonelela ngenkxaso yolawulo lwesebe ukuze umLawuli-Jikelele asebenzise imimiselo, adlale indima kwisicwangciso-nkqubo aluthwale noxanduva olujongene naye.

Le nkqubo izakuba negalelo kwinjongo yesicwangciso-nkqubo sephondo ukuze kwakheke oyena rhulumente wenqila ulawulwa ngobuchule obubalaseleyo ehlabathini ngokuqulunqwa nokufezekiswa kwemigaqo-nkqubo, ngemimiselo yokuziphatha nangezikhokelo kubudlelwane bamazwe ngamazwe. Kwinqanaba leengxoxo zamacala amabini kuza kusekwa ubume kunye nezibophelelo eziququzelelwayo okanye ezibhexeshwayo. Ukugqityezelwa nokusetyenziswa kwezivumelwano eziluncedo zamacala amabini kuza kuzuza ingqwalasela entsha.

Umsebenzi weGosa leNgcaciso eliliSekela ngokubhekiselele kumThetho weNkuthazo yokuFikelela kwiNgcombolo (PAIA) nawo uyabandakanyeka kule nkqubo.

Kunyakamali ka-2012/13 le nkqubo iza kusebenzisa indlela yokukhangela umkhondo wezigqibo kwiiNkonzo zooNobhala be-Ofisi yabaLawuli. Le nkqubo iza kubangela ukufumaneka komkhondo wezigqibo ezithathiweyo yiKhabhinethi yephondo.

Enye inkqubo eza kusetyenziswa iza kubonelela amandla olawulo lwezehlo kwi-ofisi yabaLawuli kwiNkxaso yamaLungelo oLuntu. Lem nkqubo iza kwenza abaLawuli bakwazi ukukhangela umkhondo kumbandela ngamnye wamalungelo oluntu othe wafakwa luluntu ukususela ekuqalekeni kwengxoxo yokubuzisa kude kufikwe esiphelweni sengxoxo. Lilonke le nkqubo iza kubangela ukuba zifumaneke iinkcukacha zolamlo lukarhulumente kulo mcimbi.

Inkxasomali iza kufuneka kulungiselelwa ubuqili obuthe chatha ekusebenzeni ngeenjongo zokuqinisekisa ngokuthotyelwa kweMpilo ngexesha lokuSebenza, umThetho woKhuseleko nobuNcinane bomGangatho woKhuseleko lweeNkcukacha.

Le nkqubo iza kulandela ngomdla indlela yokuphuculwa kwamandla okuvuthwa kolawulo lwezimali ukuze kufikelelwe kwinqanaba lesi-3.

Ayikho inguqu kubume bohlahlo lwabiwomali lwale nkqubo.

4.1 Injongo yesiCwangciso-nkqubo nokonyaka ekujoliswe kuko ngo-2012/13

ITheyibhuli 4.1: Injongo yesiCwangciso-nkqubo nokonyaka ekujoliswe kuko

Injongo yesiCwangciso-nkqubo	Isalathisi segunya lokumelwa kwenjongo yesiCwangciso-nkqubo	Uphicotho-zincwadi/ Umsebenzi owenziweyo			Umsebenzi oqikelelwayo ka-2011/12	Ekujoliswe kuko kweXesha eliPhakathi			
		2008/09	2009/10	2010/11		2012/13	2013/14	2014/15	
1.1	I-Ofisi yeNkulumbuso: Kukubonelela iNkulumbusom ngenkxaso kumsebenzi wolawulo.	Inqanaba lokwaneliseka kweNkulumbuso ngenkxaso yenkonzo ethe yanikezelwa, yaphononongwa ngexesha elingunyaka.	Alulinganise-lwanga	Alulinganise-lwanga	Alulinganise-lwanga	90%	90%	90%	90%
1.2	OoNobhala beQumrhu kwiBhunga labaphathiswa: Kukuxhasa ulawulo olusebenzayo ngenxa yokufikeleleka kooNobhala beQumrhu abajongene neBhunga labaphathiswa, nemimiselo yokuziphatha, inkxaso kwezolawulo, isikhokelo kwisicwangciso-nkqubo, kwiziqu latho zobudlelwane bamazwe ngamazwe nakumalungelo oluntu.	Inani lamalungu akwiBhunga labaphathiswanezibophelelo zolawulo ezixhasiweyo	44	52	96	100	100	100	100
1.3	I-Ofisi yomLawuli-Jikelele Kukubonelela ngenkxaso yolawulo lwamasebe ukuze asebenzise imimiselo umLawuli-Jikelele, akwazi ukudlala indima yakhe kwisicwangciso-nkqubo nakuxanduva olujongene naye.	Ingxelo yophicotho-zincwadi engenamakhwiniba	Uphicotho-zincwadi olungenasi-phene nogxininiso kwimibandela emibini	Uphicotho-zincwadi olungenasi-phene nezihlandlo ezine zokugxininisa ngale mibandela	Uphicotho-zincwadi olungenasi-phene nomnye umcimbi	Ewe	Ewe	Ewe	Ewe

4.2 Izalathisi zomsebenzi nokonyaka ekujoliswe kuko ngo-2012/13

